ISAZISO SIKARHULUMENTE

ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOKHENKETHO

INombolo. R….

……2008

ULAWULO LOKUSINGQONGILEYO KWESIZWE: UMTHETHO WE-BIODIVERSITY, 2004: IMIMISELO EKUHLOLENI IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO, UFIKELELO KUNYE NOKWABELANA NGAMANCEDO

UMphathiswa weMicimbi yokusiNgqongileyo noKhenketho, phantsi kwecandelo lama-97(1) (d), (e), (f), (g) no- (h) yoLawulo lokusiNgqongileyo kweSizwe: umThetho we-Biodiversity, 2004 (umThetho oyiNombolo ye-10 ka-2004), wenze iMimiselo kwiShedyuli.

UKUTOLIKWA KUNYE NENJONGO YEMIMISELO

1. IiNkcazelo
2. INjongo yeMimiselo
3. UkuSetyenziswa kweMimiselo

ISAHLUKO SOKU-1

IIMEKO APHO IIMVUME YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO KUNYE NOPHANDO OLUNGAPHANDLE

KOKUHLOLWA KWEZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO KUNOKUQHUTYWA PHANTSI KWAZO

4. Ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

5. Uphando ngaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

ISAHLUKO SESI- 2

INDLELA YEMVUME YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO KUNYE NOKUSIWA KUMAZWE ANGAPHANDLE KWEZIBONELELO ZEMVELI ZEBHAYOLOJI

ISigaba soku-1: Oogunyaziwe abakhuphayo

6. Isikhundla sogunyaziwe abakhuphayo

7. Amagunya nemisebenzi yoogunyaziwe abakhuphayo

8. Iimeko ezixhomekeke apho oogunyaziwe abakhuphayo banokukhupha kuzo iimvume

ISigaba sei- 2: Isicelo seemvume

9. Abafaki zicelo

10. Inkqubo yekufakwa kwezicelo

ISigaba sesi- 3: Ukukhutshwa kweemvume kunye nokuqulethwe ziimvume

11. Iimvume zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

12. Uthunyelo ngaphandle oluhlanganisiweyo kunye neemvume zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

13. Imvume yokuthumela ngaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

ISigaba sesi-4: Izibheno

14. Izigqibo ezinokubhenelwa

15. Inkqubo yokubhena

ISAHLUKO SESI- 3

IZIVUMELWANO ZOKUDLULISWA KWEZINTO, IZIVUMELWANO ZOKWABELANA NGONCEDO KUNYE NOKULAWULWA KWENGXOWA-MALI YETRASTI YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO

ISigaba soku-1: Izivumelwano

16. Izivumelwano zokudluliswa kwezinto

17. Izivumelwano zokwabelana ngamancedo

18. Imisebenzi yomnini mvume

ISigaba sesi-2: UkuLawulwa kweNgxowa-mali yeTrasti yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

19. UkuLawulwa kweNgxowa-mali yeTrasti yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

ISAHLUKO SESI- 4

JIKELELE

20. Amatyala

21. Izohlwayo

22. Amagatya oguqulo

23. ISihloko esiFutshane nokuQala

UKUTOLIKWA KUNYE NENJONGO YEMIMISELO

Iinkcazelo

1.Kule Mimiselo, igama okanye uluvo olunikwe intsingiselo kumThetho linaloo ntsingiselo linikwe yona, kwaye, ngaphandle

2. kokuba umxholo ukhombisa ngenye indlela –.

“umThetho” uthetha uLawulo lokusiNgqongileyo kweSizwe: umThetho we-Biodiversity , 2004 (umThetho oyiNombolo ye-10 ka-2004).

“naluphi na olunye uhlobo lophando” kuthetha uphando olungasululo lokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo -

(a) kuqukwa ukuqokelela, uphononongo okanye uphando lwezibonelelo zemveli zebhayoloji, eziqhutywa phantsi koncedo lweziko lophando lwe-*bona fide* okanye umbutho oveza ulwazi lwezenzululwazi; kodwa

(b) ukhuphela ngaphandle uphando nokukhangelwa kwezehlo;

“umfaki sicelo” uthetha umntu ongenise isicelo semvume;

“isivumelwano sokwabelana ngamancedo” sithetha isivumelwano ngokohlobo lweSihlomelo 8, ekugqitywe ngaso phakathi komfaki sicelo semvume kunye nomthelelani, esibonakalisa ukwabelana ngumthelelani kuwo nawaphi na amancedo exa elizayo anokuthathwa ekukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo isicelo esinxuluamene nayo;

“imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” ithetha imvume, ekutshwe ngokwemigqaliselo yecandelo lama-88 lomThetho, lokubandakanyeka kwisigaba sokufumana kunye/okanye kwisigaba sokurhweba ngeprojekithi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

“iNgxowa-mali yeTrasti yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” ithetha iNgxowa-mali esekwe licandelo lama-85(1) lomThetho;

“ukurhweba” kuquka le misebenzi ilandelayo ngokunxulumene nezibonelelo zemveli zebhayoloji -

(a) ukugcwaliswa kwezicelo zazo naziphi na ii-intellectual property, nokuba kuseMzantsi Afrika okanye kwenye indawo;

(b) ukufumana okanye ukudlulisela nawaphi na amalungelo e-intellectual property okanye amanye amalungelo;

(c) ukuqala ulingo lonyango kunye nokuphuhliswa kwemveliso, kuqukwa nokuqhutywa kophando lwemarike kunye nokufuna ukuvunywa phambi kokuya emarikeni kwentengiso evela kwimveliso; okanye;

(d) ukuphindwa-phindwa kwezibonelelo zendalo zebhayoloji ngokulima, ukwandisa, ukukhulisa ngokuthatha kwenye into okanye ezinye iindlela zokuphuhlisa nokuvelisa iimveliso, ezifana namachiza, ii-enzayim zamashishini, iintlobo zokutya ezinika incasa ekutyeni, izinukisi kamnandi, izinto zokuthambisa, izixubisisi, ii-oleoresins, imibala kunye nezinto ezicatshuliweyo;

“isigaba sokwenza ibe lurhwebo iprojekithi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” kuthetha naluphi na uphando, okanye uphuhliso okanye ukusetyenziswa, kwezibonelelo zemveli zebhayoloji apho ubunjani kunye nobukhulu bako nakuphi na ukusetyenziswa kakubi, kwalo naluphi na urhwebo lokuqala okanye olunokubakhona okanye ukusetyenziswa kakubi ngokunxulumene neprojekithi sele kusekiwe ngokwaneleyo ukuba kuqale inkqubo yorhwebo;

“ulwazi oluyimfihlo” mluthetha ulwazi, ukuba luxeliwe, lunokuba sisonakaliso kumdla worhwebo okanye wezimali weqela kwisivumelano sokwabelana ngamancedo, kwaye –

(a) kuquka –

(i) ulwazi olumalunga nophando olwenziwayo okanye oluqhutywayo kuquka neenkcukacha neentlobo eziza kuqokelelwa;

(ii) urhwebo lwezimali, lwenzululwazi okanye ulwazi lobugcisa kuqukwa neemfihlo zorhwebo;

(iii) ulwazi lwemveli ukuba ngaba ukwaziswa kolo lwazi lunokuab sisonakaliso kuluntu lwemveli olubangakanyekayo; kodwa

(a) ikhuphela ngaphandle ulwazi –

(i) osele luxeliwe kushicilelo lweencwadi ngenzululwazi;

(ii) ukuba ngaba amaqela ayakuvuma ukuxela oko;

“isigaba sokufumana seprojekithi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” sithetha naluphi na uphando, kuphuhliso okanaye ukusetyenziswa, kwezibonelelo zemveli zebhayoloji apho ubunjani kunye nobubanzi babo nabuphi na obokuqala okanye urhwebo olunokuba khona okanye ukusetyenziswa kakubi ngokunxulumene neprojekithi akucacanga okanye akwaziwa ngokwaneleyo ukuba luqhube inkqubo yorhwebo;

“imvume yokuthumela ngaphandle ngenjongo zophando kune- ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” ithetha imvume, ekhutshwe ngokwemigqaliselo yecandelo lama-88 lomThetho, ekuthumeleni ngaphandle kweRiphabliki naziphi na izibonelelo zemveli zebhayoloji ngeenjongo zophando kunokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

“uluntu lwemveli” luthetha uluntu oluhlala kwaye olunamalungelo okanye umdla kummandla wejografi okhethekileyo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika olunesakhiwo sobunkokheli kwaye–

(a) abakusebenzisa kwabo izibonelelo zebhayoloji zendlalo isicelo semvume esinxulumene nalo, baqale okanye bafake isandla okanye benze inxenye yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo; okanye

(b) abalwazi lwabo okanye izinto abazifumeneyo malunag nezibonelelo zemveli zebhayoloji isicelos emvume esinxulumeen nayo zizakuseteynziselwa i-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ecetywayo;

“ukusetyenziswa ngokwemveli okanye ulwazi” kuquka ulwazi, ukufunyaniswa malunga okanye ukuseteynziswa ngokwemveli kwezibonelelo zemveli zebhayoloji, ukuba olo lwazi, ukufunyaniswa okanye ukusetyenziswa kuqale okanye kuya kufaka isandla okanye kwenze inxenye ye-bio-prospecting ecetywayo okanye iprojekithi yophando isicelo semvume esinxulumene nayo;

“ukuthunyelwa ngaphandle okuhlanganisiweyo nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo” kuthetha imvume, ekhutshwe ngokwemigqaliselo yecandelo lama-88 lomThetho wokuthumela ngaphandle izibonelelo zemveli zebhayoloji ngeenjongo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

“isivumelwano sokudluliswa kwezinto” sithetha isivumelwano ngokohlobo lweSihlomelo 7 phakathi komfaki sicelo wemvume kwaye umntu, kuqukwa naliphi na iziko likarhulumente oaknye loluntu, onika okanye obonelela ngofikelelo kwizibonelelo zemveli zebhayoloji isicelo esinxulumene nazo;

“I-NEMA” ithetha i-National Environmental Management Act, 1998 (umThetho woLawulo lokusiNgqongileyo kweSizwe) (umThetho oyiNombolo ye-107 ka-1998)

“imvume” ithetha imvume ekhutshwe ngokwemigqaliselo yeCandelo lesi-7, ukuba yimvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo; okuthenyelwa ngaphandle okuhlanganisiweyo nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo; ookanye imvume yokuthumela ngaphandle kuphando ngaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

“ukusetyenziswa ngokwemveli okanye ulwazi” kubhekisela ekusetyenzisweni ngokwesintu okanye ulwazi lwezibonelelo zemveli zebhayoloji luluntu lwemveli, ngokungqinelana nemithetho ebhaliweyo okanaye engabhalwanga, ukusetyenziswa, amasiko nezenzo eziqwalaselwayo ngokwemveli, ezamkelweyo kwaye ziqondwa ngabo, kwaye kuquka nokufunyaniswa okumalunga nezibonelelo zemveli zebhayoloji luluntu..

INjongo yeMimiselo

2. INjongo yeMimiselo kuku -

(a) lawula ngokungaphaya indlela yeemvume ebekwe kwiSahluko sesi-7 somThetho ukuza kuthi ga ngoku njengokuba indlela iyasebenza kwi-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ebandakanya naziphi na izibonelelo zemveli zebhayoloji okanye izinto ezithunyelwa zivela kwiRiphabliki zazo naziphi na izibonelelo zebhayoloji zemveli ngeenjongo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye naluphi na olunye uhlobo lophando kunye;

(b) nokumisa iziqulatho, iimfuneko kunye nendlela esetyenziswayo yokuab kwabelwane ngamalungelo kunye nezivumelwano zokudluliselana ngezinto.

3. UkuseTyenziswa kweMimiselo

(1) Le mimiselo ilawula –

(a) isigaba sokufumana kunye/okanye isigaba sokrhwebo seprojekithi ye-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

(b) ukuthunyelwa kuvela kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika kwazo naziphi na izibonelelo zebhayoloji zemveli ngeenjongo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo; kunye

(c) nezinto ezithunyelwayo ezivela kwiRiphabliki zazo naziphi na izibonelelo zebhayoloji zemveli kulo nakoluphi na uhlobo lophando.

ISAHLUKO SOKU-1

IIMEKO APHO UKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO KUNYE NOPHANDO OLUNGAPHANDLE KOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO LUNOKUQHUTYWA NGAZO

Ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

4. (1) Isigaba sokuFumana kunye/okanye isigaba sorhwebo seprojekithi ye- ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo sinokuqhutywa kuphela ngemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ekhutshwe nguMphathiswa.

(2) Ukuba ngaba umfaki sicelo wemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo uneenjongo zokuthumela ngaphandle izibopnelelo zebhayoloji zemveli isicelo esinxulumene nazo, umfaki sicelo kufuneka afake isicelo kuMphathiswa yothunyelo oluhlanganisiweyo kunye nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

(3) UMphathsiwa unokukhupha kuphela imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye imvume ehlanganisiweyo yokuthumela ngaphandle kunye ne- ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo emva kokuthotyelwa kweemfuno zomiMiselo 8(1) no 9(1).

UPhando ngaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

5. (1) Izibonelelo zebhayoloji zemveli zinokuhanjiswa ngaphandle kuphela ngeenjongo zophando ezingaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ngemvume yokuthumela ngaphandle ekhutshwe ngugunyaziwe okhuphayo ochongwe 6.

(2) Imvume yokuthumela ngaphandle ngophando kunye nokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo inokukhutshwa njengenxenye yemvume ehlanganisiweyo ngaphandle kokuba ugunyaziwe okhuphayo uyavumelana necandelo lama-92 lomThetho.

(3) Phambi kokukhutshwa kwemvume yokuthumela ngaphandle ngophando kunokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, ugunyaziwe okhuphayo kufuneka athobele imiMiselo 9(1) no 13(1).

ISAHLUKO SESI- 2

INDLELA YEMVUME YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO KUNYE NOKUTHUMELA NGAPHANDLE IZIBONELELO ZEBHAYOLOJI ZENDLALO

ISigaba soku-1: OoGunyaziwe abaKhuphayo

Ukonyulwa koogunyaziwe abakhuphayo

6. (1) UMphathiswa ngugunyaziwe okhuphayo wee –

(a) mvume zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo; kunye and

(b) neemvume ezihlanganisiweyo zokuthumela ngaphandle nokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, ukuba ngaba izibonelelo zebhayoloji zemveli zithunyelwa ngaphandle ngeenjongo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

(2) I-MEC yonyulwa njengogunyaziwe okhuphayo kwiimvume zokuthumela ngaphandle, ukuba ngaba izibonelelo zebhayoloji zemveli zithunyelelwa iinjongo zophando ngaphandle kokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, kwaye izibonelelo zebhayoloji zemveli kufuneka ziqokelelwe, zihlangansiwe okanye zigcinwe kwelo phondo.

(3) Ukunikezela ngamagunya kunye nemisebenzi ngugunyaziwe okhuphayo kunokwenziwa kuphela ngokungqinelana namacandelo 42 nele 42A le- NEMA.

Amagunya kunye nemisebenzi kagunyaziwe okhuphayo

7. (1) Ugunyaziwe okhuphayo kufuneka alungise zonke izicelo kwixesha elifanelekileyo.

(2) Phambi kokukhupha imvume ngokwemigqaliselo yale miMiselo, ugunyaziwe okhuphayo kufuneka azanelise ukuba–

(a) iimpembelelo zomsebenzi obandakanyekayo kwizibonelelo zebhayoloji zemveli ziyakungahoywa okanye ziyakuncitshiswa okanye zuilungiswe; kwaye

(b) umsebenzi obandakanyekayo awuyi konakalisa izibonelelo zebhayoloji zemveli ukuya ngaphaya komgangatho oya kwenza ukuba isidima saso sibe semngciphekweni.

(5) ekufunyanweni kwesicelo semvume ugunyaziwe okhuphayo-

(a) kufuneka asithathele ingqalelo isicelo;

(b) unokufuna ukuba umfaki sicelo okanye nawuphi na umthelelani ukuba anike ulwazi olongezelelweyo;

(c). unokufuna ukuba umfaki sicelo amkele uhlolo lomngcipheko ngokungqinelana necandelo lama-89 lomThetho okanye ngokwemigqaliselo yomThetho.

(3) Emva kokufikelela kwisigqibo ngesicelo semvume ugunyaziwe okhuphayo kufuneka–

(a) azise umfaki sicelo ngesigqibo ngokubhalwe phantsi kwiintsuku zokusebenza ezili-15 emva kokwenza isigqibo;

(b) ukuba ngaba isicelo besivunyiwe, akhuphe imvume, ahlaziye imvume, okanye avuselele imvume, njengoko kunokufuneka kwimeko, kwiintsuku ezili-15 zokusebenza emva kokwenza isigqibo;

(c) ukua ngaab saliwe isicelo -

(i) azise ufaki sicelo ngesigqibo ngokubhalwe phantsi kwiintsuku ezili-15 zokusebenza emva kokwenza isigqibo;

(ii) anike izizathu zokusala; kwaye

(iii) azise umfaki sicelo ngamalungelo omfaki sicelo okubhena kwisigqibo ngokwemigqaliselo yecandelo lama-94 lomThetho kunye noMmiselo 16.

(4) Ugunyaziwe okhuphayo kufuneka ajonge bonke abanini beemvume ukuqinisekisa uthotyelo neemeko zeemvume.

Iimeko ezixhomekeke nalapho oogunyaziwe abakhuphayo banokukhupha kuzo iimvume

8. (1) UMphathsiwa unokukhupha kuphela imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, ukuba ngaba uMphathiswa wanelisekile ukuba –

(a) umthelelani obandakanyekayo uchongwe ngokungqinelana nemithetho-siseko ebekwe kwicandelo lama-82 lomThetho;

(b) tkuye kwaxelwa ulwazi olubalulekileyo kubo bonke abathelelani abachongiweyo;

(c) umfaki sicelo ufumene imbume ngaphambili yakhe nawuphi na umntu, kuqukwa naliphi na iziko likarhulumente okanye loluntu elinika okanye elibonelela ngofikelelo kwizibonelelo zebhayoloji zemveli isicelo esinxulumene nazo, kunye nezivumelwano zokudlulsiwa kwezinto kunye nezivumelwano zokwabelana ngamancedo ekungenwe kuzo nabathelelani abanjalo;

(d) umfaki sicelo ufumene imvume ngaphambili yoluntu lwemveli oluchaphazelekayo, kwaye izivumelwano zokwabalena ngamancedo kungenwe kuzo noluntu olunjalo.

(2) Ukuze azanelise yena ukuba iimfuno zomThetho kuney nale Mimiselo kuhlangatyezwene nayo, uMphathiswa unokufuna ukuba umfaki sicelo wemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye wemvume ehlangansia okuthunyelwa ngaphandle kunye ne-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ukuba -

(a) aboniswe ukuba ngawaphi amanyathelo athathiweyo ukuchonga abathelelani;

(b) athathe amanyethelo angaphaya okuchonga abathelelani;

(c) anike ubungqina bokuba ulwazi olubandakanyekayo olunxulumene ne-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo luxeliwe kubathelelani abachongiweyo;

(d) anike ubungqina bokuba imvume yangaphambili yabathelelani abachongiweyo ifunyenwe.

ISigaba sesi 2: IsiCelo seemvume

Umfaki sicelo

9. (1) Imvume ngokwemigqaliselo yomThetho inokukhutshwa kuphela ku –

(a) Mmi obhaliswe ngokwemigqaliselo yomthetho woMzantsi Afrika;

(b) Umntu ngokwemveli, ongummi woMzantsi Afrika okanye umhlali osisigxina woMzantsi Afrika;

(c) Umntu wemveli ongabhaliswanga ngokwemigqaliselo yomthetho woMzantsi Afrika okanye umntu wemveli ongasinguye ummi woMzantsi Afrika okanye ongengomhlali isigxina eMzantsi Afrika, ukuba lowo mntu wemveli okanye umntu wangapahndle ufaka isicelo kunye nomntu wemveli ummi wemveli ekubhekiselwe kuye kwimihlathi (a) okanye (b) ngasentla.

(2) Isicelo semvume kufuneka -

(a) sixelele ukuba, ngokunxulumene nezibonelelo zebhayoloji zemveli isicelo sinxulumene –

(i) naso nasiphi na isicelo semvume ngokwemigqaliselo yomThetho okanye ngokwemigqaliselo yawo nawo nawuphi na omnye umthetho singeniswe kuye najkowuphi na ugunyaziwe mhlawumbi ngaphambili okanye ngaxesha nye nesicelo sangoku; kunye nokuba

(ii) ingaba eso sicelo saliwe okanye sinikiwe okanye sisaxhonyiwe;

(b) ukuba ngaba ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ibisandulelwa lupahndo kunokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ngokunxulumene nezibonelelo zebhayoloji zemveli isicelo esinxulumene naazo, xela ubunajni bophando kunye nemisebenzi ekhokelela kwisicelo semvume se-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

Inkqubo yesicelo

10. (1) Isicelo semvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kufuneka singeniswe kuMphathiswa kwaye kufuneka –

(a) sibe ngohlobo lweSigaba soku-1 sesiHlomelo sesi-2 kule Mimiselo;

(b) siqulathe ulwazi olwaneleyo ukuze uMphathiswa abe nako ukwenza uhlolo olubandakanyekayo.

(2) Isicelo esihlanganisa imvume yokuthumela ngaphandle kunye nese-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kufuneka singensiwe kuMphathiswa kwaye kufuneka -

(a) sibe ngokohlobo lweeNxenye 1 neyesi-2 zesiHlomelo sesi-2 kule Mimiselo;

(b) siqulathe ulwazi olwaneleyo ukuze uMphathiswa enze uhlolo olubandakanyekayo.

(3) Ukuba ngaba izivumelwano zokudluliswa kwezinto okanye izivumelwano zokwabelana ngoncedo ziyafunwa ngumThetho, umfaki sicelo wemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye imvume ehlanganisiweyo yokuthumela ngaphandle kunye neukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo makahlomele isicelo semvume enjalo-

(a) izivumelwano ezisayiniweyo zokudluliswa kwezinto okanye izivumelwano zokwabelana ngamancedo ukuba ngaba kugqityiwe ngazo izivumelwano ezinjalo; okanye

(b) ukuba ngaba akwenzeki ukuba kugqitywe ngezivumelwano ezinjalo, isicelo sokungenmelela koMphathiswa ngeenjongo zokwenza uthetha-thethwano ngezivumelwano ezinjalo, ngokungqinelana necandelo 82(4)(b) lomThetho.

(4) Isicelo semvume yokukhuphela ngaphandle elizweni ngeenjongo zophando kunezo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kufuneka zingensiwe kwi-MEC eyaziswe kummiselo 6(2) kwaye kufuneka -

(a) zibe ngohlobo lwesiHlomelo 3 kule miMiselo;

(b) siqulathe ulwazi olwaneleyo ukuze i-MEC ibe nako ukwenza uhlolo olubandakanyekayo.

IsiGaba sesi-3: Ukukhutshwa kweemvume kunye nokuqulethwe ziimvume

Iimvume zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

11. (1) Imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo inokukhutshwa kuphela ukuba -

(a) UMphathiswa uzivumile naziphi na izivumelwano zokudluliswa kwezinto okanye izivumelwano zokwabelana ngamancedo ezifunwayo ngumThetho kwaye ezingeniswe kuMphathiswa; kwaye

(b) intlawulo engabuyiswayo ebalulwe kwisiHlomelo 1 ihlawulwe.

(2) Imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kufuneka -

(a) ibe ngokohlobo lwesiHlomelo 4 kule miMiselo;

(b) ibalule ixesha imvume esemthethweni ngalo;

(c) ibalule izibonelelo zebhayoloji zemveli ezibandakanyekayo;

(d) ibalule ubungakanani bezibonelelo zemveli zebhayoloji ezibandakanyekayo;

(e) ibalule umthombo wezibonelelo zemveli zebhayoloji;;

(f) ikhutshwe ngokuxhomekeke kwiimeko njengoko zimiselwe nguMphathiswa, apho iimeko kufuneka ziquke ukuba -

(i) yonke imali ekulindeleke ukuba iye kubathelelani ngokwemigqaliselo yesivumelwano sokwabelana ngoncedo kufuneka ihlawulwe kwiNgxowa-mali yeTrasti yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, njengoko kufunwa licandelo lama-85(1) lomThetho;

(ii) umnini mvume kufuneka, ngonyaka, angenise ingxelo yobume kuMphathiswa ngendlela emiselwe nguMphathiswa;

(iii) umnini mvume iya kuba luxanduva lwakhe olweendleko zokuthomalalisa okanye zokulungisa iimpembelelo zokuthumela ngaphandle kokusingqongileyo, ngokungqinelana necandelo lama-28 le-NEMA; kwaye

(iv) izibonelelo zebhayoloji zemveli imvume enxulumene nayo ayinakuthengiswa, kunikelwe ngayo okanye idluliselwe kumntu wesithathu ngaphandle kwemvume ebhalwe phantsi yoMphathiswa.

Iimvume ezihlanganisiweyo zokuthumela ngaphandle kunye nezokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

12. (1) Imvume ehlanganisiweyo yokuthumela ngaphandle kunye neye-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo inokukhutshwa kuphela ukuba ngaba uMphathiswa wonelisekile ekubeni ukuthunyelwa kwemithombo yemveli yebhayoloji yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kuya kuba kokwenjongo esemdleni woluntu, kuqukwa –

(a) ulondolozo lwe-biodiversity eMzantsi Afrika;

(b) uphuhliso lwezoqoqosho loMzantsi Afrika; okanye

(c) (ukuphakamisa ulwazi lwenzululwazi kunye nesikhundla sobuchwepheshe sabantu boMzantsi Afrika kunye namaziko.

(2) Imvume ehlanganise ukuthumela ngaphandle ne-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kufuneka –

(a) ibe ngokohlobo lwesiHlomelo 5 kule miMiselo;

(b) ibalule ixesha imvume esemthethweni ngalo;

(c) ibalule izibonelelo zebhayoloji zemveli ezibandakanyekayo;

(d) ibalule ubungakanani bezibonelelo zemveli zebhayoloji ezibandakanyekayo;

(e) ibalule umthombo wezibonelelo zemveli zebhayoloji;

(f) ikhutshwe ngokuxhomekeke kwiimeko njengoko zimiselwe nguMphathiswa, apho iimeko kufuneka ziquke ukuba -

(i) yonke imali ekulindeleke ukuba iye kubathelelani ngokwemigqaliselo yesivumelwano sokwabelana ngoncedo kufuneka ihlawulwe kwiNgxowa-mali yeTrasti yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, njengoko kufunwa licandelo lama-85(1) lomThetho;

(ii) umnini mvume kufuneka, ngonyaka, angenise ingxelo yobume kuMphathiswa ngendlela emiselwe nguMphathiswa;

(iii) umnini mvume iya kuba luxanduva lwakhe olweendleko zokuthomalalisa okanye zokulungisa iimpembelelo zokuthumela ngaphandle kokusingqongileyo, ngokungqinelana necandelo lama-28 le-NEMA; kwaye

(iv) izibonelelo zebhayoloji zemveli imvume enxulumene nayo ayinakuthengiswa, kunikelwe ngayo okanye idluliselwe kumntu wesithathu ngaphandle kwemvume ebhalwe phantsi yoMphathiswa..

Imvume yokuthumela ngaphandle ngophando kunokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

13. (1) imvume yokuthumela ngapahndle kunokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo inokukhutshwa kuphela ukuba ngaba ugunyaziwe okhuphayo oxeliweyo kumMiselo wesi-6 wonelisekile ukuba ukuthunyelwa ngaphandle kwemithombo yemveli yebhayoloji kuya kuba kokwenjongo ezisemdleni woluntu kuphela, kuqukwa –

(d) ulondolozo lwe-biodiversity eMzantsi Afrika;

(e) uphuhliso lwezoqoqosho loMzantsi Afrika; okanye

(c) ukuphakamisa ulwazi lwenzululwazi kunye nesikhundla sobuchwepheshe sabantu boMzantsi Afrika kunye namaziko.

(2) Imvume yokuthumela ngaphandle yokuthunyelwa ngaphandle kwemithombo yemveli yebhayoloji ngeenjongo zophando nezokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo —

(a) kufuneka ibe ngohlobo lwesiHlomelo sesi-6 kul;e miMiselo;

(b) ikhombise ixesha esemthethweni ngalo;

(c) ibalule izibonelelo zebhayoloji zemveli ebandakanyekayo;

(d) ibalule ubungakanani bemithombo yemveli yebhayoloji ebandakanyekayo;

(e) ibalule umthombo wemithombo yemveli yebhayoloji; kwaye

(f) kufuneka ikhutshwe ngokuxhomekeke kwezi meko zilandelayo -

(i) izibonelelo zebhayoloji zemveli imvume enxulumene nayo, ingasetyenziselwa kuphela iinjongo zophando olungabandakanyi ezorhwebo njengoko kubalulwe kwimvume;

(ii) izibonelelo zebhayoloji zemveli imvume enxulumene nayo ayinakusetyenziselwa iinjongo zokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

(iii) umnini mvume iya kuba luxanduva lwakhe olweendleko zokuthomalalisa okanye zokulungisa iimpembelelo zokuthumela ngaphandle kokusingqongileyo, ngokungqinelana necandelo lama-28 le-NEMA;

(iv) izibonelelo zebhayoloji zemveli imvume enxulumene nayo ayinakuthengiswa, kunikelwe ngayo okanye idluliselwe kumntu wesithathu ngaphandle kwemvume ebhalwe phantsi kagunyaziwe okhuphayo, apho imvume ingayi kunikwa iqela lesithathu ukuba ngaba iinjongo zalo kukusebenzisela ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo imithombo; kwaye

(v) umnini mvume kufuneka, ngonyaka okanye ngamaxesha amiselweyo njengoko anokumiselwa ngugunyaziwe okhuphayo, angenise ingxelo yobume kugunyaziwe okhuphayo ngendlela eya kumiselwa ngugunyaziwe okhuphayo.

ISigaba sesi- 4: IziBheno

Izigqibo ezinokubhenelwa

14. (1) Umfaki sicelo unokubhena, ngokwemigqaliselo yecandelo lama-94 lomThetho, kuso nakwesiphi na isigqibo so –

(a) kwalelwa imvume;

(b) ukubekwa kweemeko kwimvume ezongezayo kwiimeko zogunyaziso ezifunwayo ukuba zibekwe ngokwemigqaliselo yale Mimiselo;

(c) kurhoxisa imvume.

Inkqubo yokubhena

15. (1) Isibheno kufuneka sifakwe kuMphathiswa kwiintsuku ezingama-30 zokuab umfaki sicelo efumene isaziso ngesigqibo esibhenelwayo.

(2) Abathelelani abanomdla kwisibheno kufuneka banikwe ikopi yesibheno kwaye kufuneka baziswe ukuba baneentsuku ezili-15 ezisukela kumhla wokwaziswa ukungenisa izingeniso ngokunxulumene nesibheno kuMphathiswa.

(3) Isibheno kufuneka –

(a) simisela imihlaba isigqibo esibhenelwa yona;

(b) sichonge nabaphi na abathelelani abanomdla kwisibheno kunye nokunika ubungqina bokuba ikopi yesibheno inikwe bonke abathelelani; kwaye

(c) kufuneka ikhatshwe yintlawulo engabuyiswayo ebekwe kwisiHlomelo 1.

ISAHLUKO SESI-3

IZIVUMELWANO ZODLUDLISELO LWENTO, IZIVUMELWANO ZOLWABELWANO NGENZUZO NOLAWULO LWENGXOWA-MALI YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO

Indima yoku-1: Izivumelwano

Izivumelwano zokudluliselwa kwento

16. (1) Amaqela kwisivumelwano sodluliselo lwento ngumfaki-sicelo nochaphazelekayo njengoko kuchaziwe kwimihlathi yama-82(1)(a) no (b) yoMthetho obonelela okanye onika ithuba lokufikelela kwizityalo ezizikhulelayo zemveli apho umfaki-sicelo anonxulumano khona.

(2) UMphathiswa makaphumeze izivumelwano zodluliselo lwento okanye isilungiso kwizivumelwano ezinje, ngokungqinelana necandelo lama-84(2) loMthetho.

(3) Isivumelwano sodluliselo lwento masibe ngendlela yeSihlomelo sesi-7 kwaye masibenengcaciso ecacisiweyo kwicandelo lama-84(1)(b) loMthetho.

Izivumelwano zolwabelwano ngenzuzo

17. (1) Amaqela kwisivumelwano solwabelwano ngenzuzo ngumfaki-sicelo nabachaphazelekayo ekubhekiselwe kubo kwicandelo lama-84(1)(a) no (b) loMthetho.

(2) Isivumelwano solwabelwano ngenzuzo masibe ngendlela yeSihlomelo sesi-8 kwaye masingqinelane namacandelwana ama-83(1) nelesi (2) oMthetho;

(3) Phambi kokuphumeza isivumelwano okanye ulungiso kwisivumelwano esinje, uMphathiswa –

(a) makoneliseke ukuba isivumelwano sifanelekile kwaye sinobulungisa kuwo onke amaqela;

(b) makabonane naye namphi umntu onesakhono sokubonelela ngengcebiso yobuchule kwisivumelwano; kwaye

(c) makafune uluvo loluntu kwisivumelwano ngaphandle kokuba akukho nkcukacha zilihlebo ezithe zenziwa kuluntu.

(4) UMphathiswa angalandula ukuphumeza isivumelwano sokwabelana ngenzuzo ngaphandle kokuba isivumelwano esinjalo senza ilungelo elithile loku -

(a) ukwandisa ulwazi lwenzululwazi nengqondo yobugcisa yabantu, amalungu karhulumente okanye uluntu lwemveli ukulondoloza, ukusebenzisa nokuphuhlisa izityalo ezizikhulelayo zemveli; okanye

(b) namphi omnye umsebenzi onyusa ulondolozo, usetyenziso olugcinakeleyo nophuhliso lwezityalo ezizikhulelayo zemveli ezinxulumeneyo.

(5) Abanikazi-mvume mabahlalise elugcinweni loMlawuli-Jikelele ikopi yezivumelwano zolwabelwano ngenzuzo, kwinyanga enye yokuba isivumelwano sivunyiwe okanye kwinyanga enye yazo neziphi izilungiso zigqityiwe kwisivumelwano esinjalo.

Imisebenzi yoMnikazi-mvume

18. (1) Obambe imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye uthunyelo kwelinye ilizwe oluhlangeneyo nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo maka -

(a) zise uMlawuli-Jikelele xa imali elilungelo labachaphazelekayo njengoko kucacisiwe kwisivumelwano solwabelwano ngenzuzo sizakudluliselwa okanye sihlawulwe kwiNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo;

(b) zise abachaphazelekayo ababizwe kwinzuzo yemali malunga nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo ukuba la mali yahlawulwa kwiNgxowa-mali yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

Indima yesi-2: Ulawulo lweNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

Ulawulo lweNgxowa-mali yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo

19. (1) Malunga necandelo lama-85(1) loMthetho, yonke imali ekhulayo kwizivumelwano zolwabelwano ngenzuzo nezililungelo labachaphazelekayo mazihlawulwe kwiNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

(2) INgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo iya kulawulwa ngokungqinelana neMimiselo yeNdyebo ekhutshwe malunga noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999 (uMthetho onguNombolo-1 ka-1999).

(3) Ngeenjongo zokubambelela kwiMimiselo yeNdyebo –

(a) isivumelwano ngolwabelwano ngenzuzo ngasinye masithathwe njengesixhobo esithembekileyo esinika iinkcukacha ezithe ngqo zemali efunyenweyo yiNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo emayisetyenziswe;

(b) uMlawuli-Jikelel unoxanduva lokugcina kakuhle nokusetyenziswa ngendlela kwazo zonke iimali ezifunyanwa yiNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, ngokungqinelana nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo esinxulumeneyo;

(c) uMlawuli-Jikelele makabize imali yoxanduva lolawulo lwemali efunyanwa malunga nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo;

(4) UMlawuli-Jikelele maka –

(a) zise onke amagunya akhuphayo eenkcukaza zebhanki zeNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, neziphi iinkcukacha mazinikelwe kubanikazi-mvume nokukhutshwa kweemvume zonke;

(b) cebise amaqela kwisivumelwano solwabelwano ngenzuzo –

(i) yayo neyiphi imali efunyenwe malunga nesasivumelwano;

(ii) yemali elilungelo lochaphazelekayo ngamnye malunga nesivumelwano;

(c) nokwaba zonke iimali ezifunyenwe ngokungqinelana nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo esinxulumeneyo.

(5) Iimfanelo zoMlawuli-Jikelele malunga nommiselo okwisigaba esingezantsi sesi-(4) zingakhutshwa rhoqo ngonyaka ngaphandle kokuba ithuba elohlukileyo lexesha –

(a) limisiwe kwisivumelwano ngenzuzo; okanye

(b) kuvunyelwene phakathi koMlawuli-Jikelele namaqela kwisivumelwano ngolwabelwano ngenzuzo.

(6) Ukuba ngesizathu nokuba sesiphi, kukho imali eyintsalela kwiNgxowa-mali yokuHlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo engelolungelo lalo neliphi iqela malunga nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo, uMlawuli-Jikelele makasebenzise imali kwenye okanye ngaphezulu kwezi njongo zilandelayo -

(a) ukulondoloza izityalo ezizikhulelayo zemveli;

(b) ukuxhasa uphando oluqhubekela phambili kwizityalo ezizikhulelayo zemveli nakulwazi lwemveli;

(c) ukuxhotyiswa kwabasebenzi phakathi kweendawo zoluntu lwemveli.

(i) ngokwasemalungelweni abo malunga noMthetho,

(ii) nokubanceda ukuthethathethana ngezivumelwano zolwabelwano ngenzuzo ezifanelekileyo nezilungileyo;

(d) ukwandisa ulwazi lwenzululwazi nengqondo yobugcisa ukulondoloza, ukusebenzisa nokuphuhlisa izityalo ezizikhulelayo zemveli; okanye

(e) namphi omnye umsebenzi onyusa ulondolozo, usetyenziso olugcinakeleyo nophuhliso lwezityalo ezizikhulelayo zemveli ukulungiselela inzuzo yoMzantsi Afrika.

(7) Ukuba akwenzeki, nokuba kungesiphi isizathu, ukuhlawula neliphi iqela imali elilungelo kubo malunga nesivumelwano solwabelwano ngenzuzo, uMlawuli-Jikelele maka –

(a) qondisise ukuba kukho omnye umntu okanye iqumrhu elifanelwe kukuhlawulwa le mali ngokusemthethweni;

(b) ukuba akukho mntu okanye iqumrhu elichongekayo emakuhlawulwe kulo le mali, bonana nawaphi amanye amaqela kwisivumelwano esinxulumeneyo ngolwabiwo lwemali uze emva koko wabe imali ngokufanelekileyo nangokulungileyo phakathi kwabachaphazelekayo abaseleyo, ukuba bakho;

(c) ukuba abekho abanye abachaphazelekayo, yaba imali ngokungqinelana nommiselo okwisigaba esingezantsi sesi-(6).

ISAHLUKO SESI-4

JIKELELE

Izenzo ezibi

20. Umntu unetyala lezenzo ezibi ukuba loo mntu –

(a) ngaphandle kwemvume –

(i) wamkela ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo equka izityalo ezizikhulelayo zemveli;

(ii) uthumela kwelinye ilizwe kwiRiphabliki neziphi izityalo ezizikhulelayo zemveli ngenjongo yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo okanye noluphi olunye uphando;

(b) wenza umsebenzi apho imvume yayikhutshwe ngenye indlela kunokuba ingqinelane nazo neziphi iimeko ezijolise kwimvume eyakhutshwayo;

(c) uvumela namphi omnye umntu ukwenza, okanye angenzi kwanto esisenzo esibi malunga nemimiselo;

Izohlwayo

21. (1) Umntu obanjelwe isenzo esibi malunga nommiselo wama-20 usisichenge –

(a) sokufakwa entolongweni kangangexesha elingadluli kwiminyaka emihlanu;

(b) sesohlwayo esifanelekileyo;okanye

(c) afumane isohlwayo kwa nokuba afakwe entolongweni.

(2) Isohlwayo malunga nommiselo okwisigaba esingezantsi soku-(1) masingadluli imali emisiweyo malunga noMthetho woLungiso lweZohlwayo, ka-1999 (uMthetho ongunombolo-101 ka-1999).

Amalungiselelo agqithayo

22. (1) Okujoliswe kuko kwimimiselo ekwisigaba esingezantsi yesi-(2) nowe-(3), namphi umntu okhoyo kwisiqalo sale Mimiselo kwiprojekthi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, makaqhubekeke nalo projekthi imisiweyo ukukhutshwa kwemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo.

(2) Umntu okhoyo kwiprojekthi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo esele iqalile, **kwiinyanga ezintandathu** zale Mimiselo iza kwisiphumo, makangenise isicelo semvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kuMphathiswa ngokungqinelana neSahluko sesi-2 sale Mimiselo.

(3) Ukuba iprojekithi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo esele iqalile iquka umdla wochaphazelekayo okufuneka ukhuselwe ngecandelo lama-82 loMthetho, umfaki-sicelo semvume maka –

(a) thethane kwaye angene kwizivumelwano zolwabelwano ngenzuzo nabachaphazelekayo abacacisiweyo;

(b) qhoboshela kwisicelo semvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo engeniswe kuMphathiswa malunga nommiselo okwisigaba esingezantsi wesi-(2) –

(i) isivumelwano solwabelwano ngenzuzo esisayiniweyo esingeniswe nabachaphazelekayo; okanye

(ii) isicelo esibhaliweyo songenelelo lukaMphathiswa ngeenjongo zokuthethathethana ngezivumelwano ezinje, ngokungqinelana necandelo lama-82(4)(b) loMthetho, ukuba khange kwenzeke ukugqitywa kwezivumelwano zolwabelwano ngenzuzo **kwiinyanga ezintandathu** ekubhekiselwe kuzo kummiselo okwisigaba esingezantsi wesi-(2).

(4) Iprojekthi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo esele iqalile -

(a) mayipheliswe ukuba –

(i) isicelo semvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ilandulwe; okanye

(ii) isivumelwano solwabelwano ngenzuzo asigqitywanga nangona ngaphandle kongenelelo lukaMphathiswa;

(b) lungaqhubekeka ukuba imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo sikhutshiwe, sijolise nakweziphi iimeko ezikhoyo kweso sivumelwano.

Isihloko esiFutshane nesiqalo

3. Le Mimiselo ibizwa ngokuba yiMimiselo yeZilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, Ukufikelela noLwabelwano ngeNzuzo, ka-2008 kwaye iya kusebenza ngomhla obekwe nguMphathiswa ngesaziso kwiGazethi.

ISIHLOMELO SOKU-1

IIMALI EZIHLAWULWAYO EZIMISELWEYO EZINGABUYISELWAYO

1. Iimali ezihlawulwayo zemvume

1.1. Imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo (UMmiselo we-11) R5 000

1.2. Ukuthunyelwa kwelinye ilizwe okuhlangeneyo nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo (UMmiselo we-12) R5 200

1.3. Imvume yokuthumela kwelinye ilizwe ngenjongo yokuqhuba uphando kunokwenza uhlolo lwezilwanyana nezityalo ezohlukeneyo (UMmiselo-13) R 100

2. Isibheno malunga noMmiselo we-15

Imali eyintlawulo yesibheno R50

ISIHLOMELO SESI-2

INDIMA YOKU-1: ISICELO SEMVUME YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO

INDIMA YESI-2: ISICELO SEMVUME YOKUTHUMELA KWELINYE ILIZWE NGEENJONGO ZOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO

Izinto emaziqatshelwe kugcwaliso lwefomu:

1. Ukuba ufaka isicelo semvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo kwaye awujolisanga ekuthumeleni kwelinye ilizwe izityalo ezizikhulelayo zemveli ezinxulumeneyo, kufuneka ugcwalise indima yoku-1 kuphela yale fomu.
2. Ukuba ufaka isicelo sokuthumela kwelinye ilizwe okuhlangeneyo kunye nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo, umele ugcwalise indima yoku-1 neyesi-2 yale fomu.
3. Ukuba akukho sithuba soneleyo sokubhala kule fomu inikeziweyo, ingcaciso esisongezo mayibandakanywe ngendlela yeZihlomelo.

UHLOBO LWEMVUME OFAKA ISICELO SAYO (Phawula ibhokisi enxulumeneyo)

Imvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo: ☐

Uthumelo kwelinye ilizwe oluhlangeneyo nemvume yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo: ☐

INQANABA LOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZIZIKHULELAYO (Phawula ibhokisi enxulumeneyo)

Inqanaba lofumano: ☐

Inqanaba lokwenza urhwebo: ☐

ISIGABA SOKU-1: ISICELO SEMVUME YOKUHLOLA IZILWANYANA NEZITYALO EZOHLUKENEYO

UMFAKI SICELO

Ukuba ngaba umfaki sicelo ngumbutho osemthethweni gcwalisa amagatya 1 – 7 ngasezantsi

1. Igama eliphelelelyo leziko okanye umbutho:

_____

2. Ingaba umbutho osemthethweni ubhalisiwe eMzantsi Afrika? E/H

3. Ukuba uthi ewe, nika inombolo yobhaliso yoMzantsi Afrika yombutho osemthethweni:

_____

4. Ukuba akunjalo, leliphi ilizwe obhaliswe kulo umbutho osemthethweni uze unike inombolo yesingqinisiso:

_____

5. Nika iinkcukacha zoqhqgamshelwano (uquka igama lombutho ekunokuqhagamshelwana nawo, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile):

_____

6. Igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye embuthweni osemthethweni (hlomela ikopi eqinisekisiweyo yoxwebhu lwe-ID):

_____

7. Isikhundla saloo mntu kunokuqhagamshelwana naye:

_____

Ukuba ngaba umfaki sicelo ngumtu oyedwa gcwalisa 8 - 12 ngasezantsi

8. Igama lomfaki sicelo: _____

9. Inombolo yesazisi yomfaki sicelo (kwakhona hlomela ikopi ye-ID):_____

10. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zomfaki sicelo (uquka igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile):

_____

11. Ingaba umfaki sicelo ungene phantsi komntu osemthethweni?

E/H

12. Ukuba uthi ewe, nika igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zaloo mntu usemthethweni (uquka igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile):

_____

Uninzi lwesi sigaba malugcwaliswe ngabo bonke abafaki zicelo

13. Amagama kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano (uquka igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile) zabanye abantu abasebenza kunye:

_____

14. Iinombolo zezazisi zabo bonke abanye abantu abasebenzisanayo (kwakhona hlomela ikopi eqinisekisiweyo ye-ID):

_____

15. Amagama kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano (uquka igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile) abantu aya kuqhuba iprojekithi yokuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo:

_____

16. Iinombolo zesazisi zabantu abangabodwa abaya kuqhuba iprojekithi ye-ukuhlola izilwanyana nezityalo ezohlukeneyo (kwakhona hlomela iikopi eziqinisekisiweyo zee-ID):

_____

17. Ingaba kukho nabaphi na abaxhasi bamazwe ngamazwe abaxhasa le projekithi? E/H

18. Ukuba uthi ewe, nika amagama abo kunye neenkcukacgha zoqhagamshelwano (uquka igama lomntu ekunokuqhagamshelwana naye, idilesi yeposi/yesitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi nedilesi ye-imeyile):

_____

19. Ingaba kukho nabaphi na abaxhasi boMzantsi Afrika kule projekithi? E/H

20. Ukuba ngu-ewe, nika amagama kunye neenkcukacha zabo zoqhagamshelwano (eziquka igama lomntu ekunokuqhagashelwana naye, idilesi yeposi/isitalato, inombolo yomnxeba, ifeksi kunye nedilesi ye-imeyile):

_____

IZIBONELELO ZEBHAYOLOJI ZEMVELI

21. Beka uhlobo lwemithombo yemveli yebhayoloji imvume efunelwa yona, usapho, uhlobo okanye udidi, olwenza inxenye yaloo iphilayo nto iza kuqokelelwa, ubungakanani bemithombo ekuqokelelwa okanye eza kufunyanwa kunye nendawo okanye umthombo okhethekileyo apho umthombo ngamnye uza kuqokelelwa okanye ufunyanwe khona.

Uhlobo lwento ephilayo	**Usapho, uhlobo okanye iindidi (amagama enzululwazi**	**Inxenye yento ephilayo eza kuqokelelwa**	**Ubuninzi**	**Idata epheleleyo yasekhaya (ufundo lwe-GIS ukuba kuyenzeka)**

	kunye naqhelekile yo) (ukuba kuyenzeka)			
Umzekelo: **Isityalo**	**i-Aloe ferox**	**Amagqabi**	**6 kg**	**….**

UPHANDO LWANGAPHAMBILI KUNYE NEZICELO ZEEMVUME

22. Ngokunxulumene nemithombo yemveli yebhayoloji ebekwe apha ngasentla, ingaba esinye isicelo semvume ngokwemigqaliselo yomThetho okanye ngokwemigqaliselo yawo nawuphi na omnye umthetho singenisiwe, mhlawumbi ngaphambili okanye ngaxesha nye nesi sicelo? E/H

23. Ukuba uthi ewe, ingaba imvume inikiwe, yaliwe okanye isaxhonyiwe? _____

24. Ukuba ngaba imvume inikiwe, nika ezi nkcukacha zilandelayo uze uhlomele ikopi yemvume.

Inombolo yemvume	**Ugunyaziwe okhuphayo**	**Umhla wokukhutshwa**

25. Ukuba ngaba isicelo sisaxhonyiwe, nika inombolo yesingqinisiso yogunyaziwe okhuphayo:_____

UKUXELWA KOLWAZI

26. Ingaba lonke ulwazi lwezinto luxelwe kuye nakubani na, iziko likarhulumente okanye kuluntu olunika okanye olubonelela ngofikelelo kwimithombo yebhayoloji yemveli kunye nakulo naluphi na uluntu lwemveli oluchongiweyo olunolwazi lwemveli okanye okusetyenziswa kwemithombo yemveli yebhayoloji? E/H

27. Impendulo uyakho yingqinele ngento ekhoyo kulo mhlathi ungasentla ngokubeka lonke ulwazi oluxeliweyo.

_____

_____

_____

_____

_____

_____

ABATHELELANI

QAPHELA: Ukuba nawuphi na umntu, iziko likarhulumente okanye uluntu luyafunwa ukuba lunike okanye lubonelele ngofikelelo kwizibonelelo zebhayoloji zemveli, imvume yalo kufuneka ifunyanwe kunye nesivumelwano sokudluliswa kwezinto (material transfer agreement) (MTA) ngokohlobo lweSihlomelo sesi-4 kunye nesivumelwano sokwabelana ngamancedo (benefit-sharing agreement) (BSA) ingokohlobo lweSihlomelo sesi-5 masihlonyelwe kwesi sicelo.

28. IChonga umntu, iziko likarhulumente okanye ulintu olumvume yalo ifunwayo kwaye kwimeko nagnye khombisa ukuba i-MTA ne-BSA kugqityiwe na ngazo. Ezi zivumelwano kufuneka zihlonyelwe kwesi sicelo.

